# IMISEBENZI YAMAPOLISA KWICANDELO

"Masisondeze imisebenzi yamapolisa kubahlali"




## YINTONI IMISEBENZI YAMAPOLISA KWICANDELO?

Liqonga lakho lokusebenza ubambisene namapolisa ukuchophela abona nobangela bolwaphulo-mthethokwingingqi yakho.

### Iinjongo eziphambili zemisebenzi yamapolisa kwicandelo -

- kukunqanda ukwenzeka kolwaphulo-mthetho
- kukukhuthaza ukubonakala kwamapolisa nokufikelela ngamapolisa aziwayo, wasekuhlaleni
- kukusondeza iNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (i-SAPS) kubantu bengingqi
- kukusebenza ngobambiswano nabantu bengingqi
- kukuphucula unxibelelwano phakathi kwabahlali ne-SAPS
- kukumisela ubambiswano kunye nabahlali
- kukwenza ukuba i-SAPS iqonde iingxaki zasekuhlaleni ngokuthi ibone futhi incedise ekuhlangabezaneni noonobangela
- kukunikeza ngenkonzo enexabiso ngenkxaso nangokuphunyezwa ngabantu bengingqi
- kukuphucula ithemba nokukholelwa kwi-SAPS
- ukwandisa ukuthatha uxanduva kwamapolisa kubahlali
- kukuphucula unikezo lwenkonzo kubahlali
- ukwandisa ukuhamba lula kolwazi phakathi kwe-SAPS nabahlali khon'ukuze kuphucuke ixesha lokuphendula kwe-SAPS, ukuphanda, ukusombulula imbambano kunye nethemba labahlali kwi-SAPS.

### Yintoni indima kaKhomanda weCandelo?

- Kukuhlanganisa abahlali kwicandelo ukuze bathathe amanyathelo achasene nolwaphulo-mthetho engingqini bekunye ne-SAPS.
- Ukuzisa unxibelelwano phakathi kwabahlali becandelo nesikhululo samapolisa sengingqi.
- Kukusebenza njengegosa lonqando lolwaphulo-mthetho, neliquka ukuba noxanduva lwazo zonke izicwangciso neeprojekthi zokujongana nolwaphulo-mthetho kwicandelo.

### Yintoni indima yabahlali?

- Kukuya kwiintlanganiso zeforam yecandelo ukuyoxoxa ngezicwangciso zokusebenza neKhomanda yeCandelo khon'ukuze kuliwe ulwaphulo-mthetho noonobangela bolwaphulo-mthetho kwicandelo.
- Kukuthatha inxaxheba kwiinkqubo zasekuhlaleni zokukhusela indawo ohlala nosebenza kuyo.
- Kukuyenza eyabo imisebenzi yamapolisa ekuhlaleni baze baxhase i-SAPS ekwenziweni kwemisebenzi yamapolisa ecandelo.
- Kukwabelana ngeengxaki ezimayelana nolwaphulo-mthetho/imiceli-mngeni echongwe engingqini ne-SAPS baze bekunye baze nezisombululo zokuqwalasela ezi ngxaki/le miceli-mngeni.
- Ukusebenza njengamehlo neendlebe ze-SAPS baze baxele ukuziphatha okukrokrisayo kumalungu e-SAPS kwisikhululo samapolisa.

### Imibutho yokubandakanyeka kwabahlali kwimisebenzi yamapolisa

- AmaRizevisti (i-SAPS)
- I-CPF (uMthetho weNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, ka-1995 (uMthetho onguNombolo-68 ka-1995))
- Amaqela apatrolayo wasekuhlani
- Imibutho yokhuselo yasekuhlaleni
- Iikomiti zesitalato.

### Umahluko phakathi kwamarizevisti nemibutho yokhuselo lwasekuhlaleni

- Amarizevisti -
  - achongwa ngokwecandelo-48 loMthetho weNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, ka-1995 (uMthetho onguNombolo-68 ka-1995)
  - anamagunya afanayo namalungu wase-SAPS, ngamanye amagama, anako ukuvalela nokuqhuba uphando
  - ayaqeqeshwa ngemipu, ngemiba emalunga nomthetho, ngemisebenzi esisiseko yamapolisa neenkqubo, phakathi kwezinye izinto.
- Imibutho yokhuselo lwasekuhlaleni -
  - imanywe neForam yamaPolisa waseKuhlaleni
  - inamagunya ambalwa, njengokuvalelwa kwabantu
  - akukho qeqesho luninzi lwenziweyo, njengezise-ko zolwazi lwemithetho, imisebenzi yamapolisa wasekuhlaleni nolawulo lwendawo yolwaphu-lo-mthetho.

### Imisebenzi eyenziwa yimibutho yokhuselo lwasekuhlaleni

- Ukuba ngamehlo neendlebe ze-SAPS
- Xa kukho imfuneko, yenze imisebenzi yokuvalelwa kwabantu ngokwecandelo-42 loMthetho weNkqubo yoLwaphulo-mthetho, ka-1977 (uMthetho onguNombo-lo-68 ka-1977)
- Ukwenza imisebenzi yokupatrola neyakusebenza njenge-sithintelo solwaphulo-mthetho
- Ukukhusela iindawo ekwenzeke kuzo ulwaphu-lo-mthetho xa befike kuqala kwindawo yexhwayelo
- Ukuququzelela ubudlelwane obuhle ekuhlaleni
- Ukunikela ngenkonzo ngokuzithandela
- Ukuxela ulwaphulo-mthetho nolwaphulo-mthetho oluqhubekayo e-SAPS
- Ukudala ukuba nokuqondwa kwenkqubo yonqando lolwaphulo-mthetho phakathi kwamalungu asekuhlaleni.










South African Police Service